Isifundo 4

** 17–23 Apreli*

Umnqophiso Ongunaphakade

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Eks. 3:14; Gen. 17:1–6; Gen. 41:45; Dan. 1:7; Gen. 15:7–18; Gen. 17:1–14; IsiTyh. 14:6, 7.

Indima Yenkumbulo:
"[Ndiya] kuwumisa, (mna Thixo) umnqophiso wam phakathi kwam nawe, naphakathi kwembewu yakho emva kwakho kwizizukulwana zayo, ube ngumnqophiso ongunaphakade, wokuba ndibe nguThixo kuwe, nakwimbewu yakho emva kwakho" *(Genesis 17:7, RSV)*.

Bangaphi kuthi abakhumbula ngokucacileyo ebuntwaneni bethu isigulo okanye isandla senyumoniya esenza ukuba sigule kakhulu, sisifo esinamandla okwenza kuthethwe ezinye izinto? Kubusuku obude befiva, besiya kuvuka sindongondongo bubuthongo sibone umama okanye utata ehleli esitulweni ngasebhedini kukho ukukhanya okuncinane kobusuku. Kanye ngolo hlobo, ngokomzobo wengqondo yomntu, uThixo wahlala ecaleni lomandlalo wehlabathi eligula sisono, xa ubumnyama bokuziphatha babuqala ukuba nzulu kwiinkulungwane zasemva koNogumbe. Ngenxa yesi sizathu, wabiza uAbram waceba ukwakha ngomkhonzi wakhe othembekileyo abantu awayeza kubanika ulwazi ngaYe aze abanike usindiso. Ngoko ke, uThixo wangena emnqophisweni noAbram nenzala yakhe owacinezela ngokunobucukubhede obongeziweyo icebo likaThixo lokusindisa uluntu kwiziphumo zesono. UYehova wayengayi kuliyeka ihlabathi lingahoywanga, ngakumbi linesidingo esikhulu kangako. Kule veki siza kuqwalasela ekutyhilweni kwezithembiso ezongeziweyo zomnqophiso. Iveki Ngokuyithi Tshazi: Ngubani igama likaThixo? Lithetha ntoni? Ayebaluleke ngantoni amagama uThixo awayewasebenzisa ukuzazisa ukuba ungubani? Kwakutheni ukuze uThixo aliguqule igama lika-Abram libe nguAbhraham? Abaluleke ngantoni amagama? Zeziphi iimeko, okanye ukunyanzeleka, okwakusayanyiswa emnqophisweni?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha ka-Apreli 24.*

Cawa

18 Apreli

UYahweh Nomnqophiso Ka-Abraham

“Wathi kuye, NdinguYehova owakukhuphayo eUre yamaKaledi, ukuba ndikunike eli lizwe, ulidle ilifa” (Gen. 15:7).

Amagama ngamanye amaxesha ayakwazi ukufana namaphawu okurhweba. Ezingqondweni zethu ayama kakhulu ezingqondweni zethu kwiimpawu esithi sakuliva igama kwangoko sizikhumbule ezi mpawu. Zeziphi iimpawu ezifika engqondweni, umzekelo, xa ucinga ngala magama: Albert Einstein, Martin Luther King Jr., Gandhi, okanye uDokas? Igama ngalinye layame kwiimpawu neengcamango ezithile. Ngamaxesha eBhayibhile, abantu beMpuma ekuFuphi babesayamisa ukubaluleka okukhulu kwintsingiselo yamagama. “IsiHebhere sisoloko sicinga ngegama njengelibonisa, mhlawumbi, iimpawu zomntu lowo ubizwa ngalo, okanye iingcinga neemvakalelo zalowo onika igama elo, okanye iimeko ezikhoyo ngexesha igama linikwayo.”–*The SDA Bible Commentary,* vol. 1, p. 523.

Xa uThixo wangena okokuqala kumnqophiso wolwalamano noAbram, wazazisa kwinyange ngegama YHWH (elibhalwa Yehova, ngoonobumba abakhulu kwiKJV [Gen. 15:7] lize libizwe ngokuthi YarhWe [urh njengakurhola]). Kungoko kuGenesis 15:7 efundeka ngokuthi, “NdinguYarhWe, owakukhupha . . .” Igama YHWH, nangona livela kangama-6,828 amaxesha kwiTestamente eNdala, ligqumakele kwimfihlakalo. Libonakala ngokungathi yenye imo yesenzi uhayah, ‘ukuba,’ apho beliya kuthetha, “Ongunaphakade,” “Okhoyo,” “Obekho ngokwaKhe,” “Ozanelise ngokwaKhe,” okanye “Ophila ngonaphakade.” Iimpawu zobuThixo ezibonakala zicinezelwa sesi sihlonipho zezobukho ngokuzenza nokunyaniseka. Zalatha kuYehova njengoThixo ophilileyo, iThende lobomi, ngokukhabana noothixo beentlanga, ezazingebo bukho ngaphandle kweengcinga zabanquli babo.

NguThixo ngokwaKhe ochaza intsingiselo kaYarhWe [Yehova]kuEksodus 3:14–“ ‘NDINGUYE ENDINGUYE’ ” (RSV, NASB). Le ntsingiselo inika ubunyaniso [ubukho buqu] bobukho obungenameko, logama likwanika into exela ulawulo lwaKhe kwixesha eladlulayo, elangoku, nelizayo. UYehova ikwaligama loqobo likaThixo. Ukuthi uYehova nguye Owakhupha uAbram kwiUre, kubhekisa kwisaziso somnqophiso kaThixo naye [uAbram] kuGenesis 12:1–3. UThixo ufuna ukuba uabram alazi igama laKhe, kuba elo gama liveza amabakala okwaziwa kwaKhe, indalo yobuqu, nesimilo—size kolu lwazi sifunde ukuzithemba izithembiso zaKhe (INd. 9:10, INd. 91:14).

Xa ucinga okanye usiva igama Yehova, zeziphi iimpawu ezizifikelayo engqondweni yakho? Ingaba zezothando, ububele, nenkathalo okanye zezo zokoyika, ubungqongqo, nokuqeqesha? Zeziphi iingcinga ezizifikelayo engqondweni xa ucinga ngegama Yesu?

‘El Shaddai

“Kwathi, uAbram akuba minyaka imashumi asithoba anesithoba ezelwe, uYehova wabonakala kuAbram, wathi kuye, NdinguThixo uSomandla; hamba phambi kwam ube ngogqibeleleyo” (Gen. 17:1). UYahweh wayebonakele kuAbraham amaxesha amaninzi ngaphambili (Gen. 12:1, 7; Gen. 13:14; Gen. 15:1, 7, 18). Ngoku, kule ndima ingentla, uYahweh uphinda abonakale kuAbram (“uYehova wabonakala kuAbram”) eziveza engu“Thixo uSomandla/oligorha”—igama elisetyenziswa kuphela kwincwadi yeGenesis nakwincwadi kaYobhi. Igama “Thixo uSomandla” linegama lokuqala u‘El’ igama elalisetyenziswa zintlanga zeMpuma-ekufuphi-[amaHebhere, ama-Arabhu, nama-Asiriya. Nangona eyona ntsingiselo kaShaddai ingaqinisekanga kangako, inguqulelo “uSomandla” ikhangeleka iyeyona ichanekileyo. U“Somandla” ukhangeleka engoyena ochanekileyo. (Thelekisa uIsa. 13:6 noYoweli 1:15.) Ingcamango ebalulekileyo ekusetyenzisweni kweli gama ingathi yile yokuthelekisa ubugorha namandla kaThixo nobuthakathaka boluntu.

Funda uGenesis 17:1–6, osinceda ukuba siyibeke yonke into endaweni ebanzi. Kwakungani ukuba uYehova ngeli xesha afune ukucinezela kuAbram amandla waKhe negunya laKhe? Yintoni le uThixo wayeyithetha eyayiza kufuna ukuba athembele kuloo mandla nakwigunya? Qwalasela ngokukodwa indima 6.

Inguqulelo ephandle nje kaGenesis 17:1–6 ibiya kuthi, “UYehova ubonakele kuAbram, wathi, Ndingu‘El-Shaddai [Somandla]; hamba phambi kwam, ugqibelele; ndiya kuwenza nawe umnqophiso phakathi kwaM nawe, ndikuqhamise ngokuncamisileyo . . . ube nguyise wezihlwele zezizwe, . . . ndikwenze uqhame kakhulu.” Kwalona eli gama livela kuGenesis 28:3, apho uIsake athi u‘El-Shaddai uya kumsikelela uYakobi, aqhame, amandise. Isithembiso esifanayo sika‘El-Shaddai sifunyanwa kuGenesis 35:11, Genesis 43:14, nakuGenesis 49:25, iindawo ezithetha ngobuninzi obusetyenziswa nguThixo: U‘El, uThixo wamandla negunya, noShaddai, uThixo wobutyebi obungapheliyo, ubutyebi Onentumekelelo ukubunika abo babufunayo ngokholo nangokuthobela.

Kukho intetho ethi, irozi ngokuba ingabizwa ngeliphi igama iya kuhlala inuka kamnandi, iyingcamango ethi igama alithethi nto. Kanti ke, ingakanani intuthuzelo nethemba onokuba nalo xa igama likaYehova lingu“Thixo Oceke-ceke”? okanye “Thixo Ongenamandla”? Qwalasela le ndima yanamhlanje. Beka endaweni ka“Thixo Oligorha” la amanye amagama amabini. Yintoni ebiya kwenzeka ebomini bakho ukuba uThixo ebeziveze kuthi ngaloo magama? Kwangelo xesha linye, igama ‘El-Shaddai lisinika njani intuthuzelo?

Ukusuka KuAbram Ukuya KuAbraham
(Gen. 17:4, 5)

Nangona amagama kaThixo eza nokubaluleka kwasemoyani nokokufunda ngoThixo, awapheleli nje kuThixo. Amagama abantu kwiMpuma ekuFutshane yakudala ayenganele ukuba ziindlela ezingenayo intsingiselo zokuphawula okanye zokwazi njengoko akholisa ukuba njalo kuthi. Igama lentwazana uMary okanye uSusy alenzi mahluko mkhulu namhlanje. KumaSemite akudala, phofu, amagama abantu ayesiza exakathe ukubaluleka kwasemoyeni. Onke amagama wabantu amaSemite anentsingiselo aye ekholisa ngokuba nesaci okanye intethwana emfutshane equlathe umnqweno okanye intetho engombulelo kwicala lomzali. Umzekelo, uDaniyeli uthetha "uThixo ngumgwebi"; uYoweli uthetha "uYehova unguThixo"; kanti uNathan uthetha "Isipho sikaThixo."

Khangela ezi ndima zilandelayo. Zeziphi iimeko ekuthethwa ngazo, kutheni ukuba amagama aguqulwe kwezi meko?

1. Gen. 32:28

---

2. Gen. 41:45

---

3. Dan. 1:7

Ngenye indlela, phofu, akunzima kangako, nakwiingqondo zeli xesha langoku, ukukuqonda ukubaluleka kwento abizwa ngayo umntu. Zikho, ngamanye amaxesha, izinto ezihamba phantsi, nezingarhubuluzi kangako. Ukuba ubani ubizwa rhoqo ngokuthi "sidenge" okanye "mbi-kanye," ukuba ezo zigezo zisetyenziswa lonke ixesha ngabantu abaninzi—kungekudala loo magama anokuba negalelo kwindlela umntu lowo azibona ngayo. Kwangaloo ndlela, ngokunika abantu amagama athile, okanye ukuwaguqula amagama abo, kubonakala kunokwenzeka ukuphembelela indlela abaya kuzibona ngayo kuze ngoko kuphembeleleke indlela abaya kwenza ngayo izinto. Xa kukho oku engqondweni, akunzima ukuqonda ukuba kutheni ukuze uThixo afune ukuliguqula igama uAbram libe nguAbraham. UAbram uthetha u"Yise uphakanyisiwe"; athe uThixo waliguqulela kuAbraham, othetha ukuthi u"Yise wengxokolo yeentlanga." Xa usikhangele isithembiso somnqophiso athi kuwo uThixo, "Ndiya kukuqhamisa kakhulu kunene, ndikwenze iintlanga, kuphume ookumkani kuwe" (Gen. 17:6), utshintsho lwegama kuyaqondakala. Mhlawumbi yaye iyindlela kaThixo ukumnceda uAbrahaham ukuba athembele kwisithembiso somnqophiso, owenziwa nendoda ema-99 yeminyaka ubudala eyayitshate nenkosikazi endala ukuza kuthi ngoku ingakabi namntwana). Ngokufutshane, uThixo wakwenza ukuze alwandise ukholo luka-Abraham kwizithembiso zikaThixo kuye.

Imigangatho Yomnqophiso (Gen. 12:1, 2)

Kwezo ndima zimbini, umgangatho wokuqala wesithembiso somnqophiso kaThixo kuAbram (mithathu) utyhiliwe. UThixo wafika kuAbram, wamnika umyalelo, waza wamenzela isithembiso. Ukufika kuxela ukunyulwa ngobabalo lukaThixo kuka-Abram ukuba abe ngowokuqala ophambili kumnqophiso wobabalo owodwa kaThixo. Umyalelo ubandakanya uvavanyo lokuthembela kuThixo ngokupheleleyo (Heb. 11:8). Isithembiso (Gen. 12:1–3, 7), nangona senziwa ngokukodwa kwinzala kaAbram, ekugqibeleni siquka isithembiso kulo lonke uhlanga loluntu (Gen. 12:3, Gal. 3:6–9).

Umgangatho wesibini womnqophiso kaThixo noAbram sibonakala kuGenesis 15:7–18. Kukweziphi iindima apho sifumana khona amanyathelo amanye abonakele kumgangatho wokuqala?

Ukuvela kukaThixo emntwini? Iindima? _____

Ukufuna ukuthobela komntu? Iindima? _____

Isithembiso sikaThixo? Iindima? _____

Kwinkonzo enendili yomgangatho wesibini, uYehova wabonakala kuAbram wadlula phakathi kwamacala ezilwanyana awandlalwe ngocoselelo. Ngasinye kwezi zilwanyana zithathu sasixhelwe sahlulwahlulwa sangamacala amabini abekwa ayamana, kukho isithutyana phakathi kwawo. Iintaka zazibulawa kodwa zingahlulwa. Abo bangena kulo mnqophiso kwakufuneka bahambe phakathi kwamacala awahlulweyo, ukufuzisela ukufungela ukuthobela ngonaphakade imisindleko ekuvunyelwene kuyo ngolo hlobo.

Chaza okwakusenzeka ngexesha lomgangatho wesithathu nowokugqibela wokwenziwa komnqophiso noAbraham. (Bona uGen. 17:1–14.)

Intsingiselo yegama Abraham licinezela ukulangazela kukaThixo nokulungisa kwaKhe ukusindisa zonke izizwe. U"zonke izizwe" wayeya kuquka amaYuda neeNtlanga. ITestamente eNtsha ikubeka kucace ukuba inzala yenene ka-Abraham ngabo banokholo kuMesiya. (Bona uGal. 3:7, 29.) Ngoko ke, kususela emva kuAbraham, injongo kaYehova yayikukusindisa abantu abaninzi kangangoko wayenako, nokuba babehlala nakweziphi izizwe. Ngokuqinisekileyo, akukho kwahluka nanamhlanje.

Okudinga Ukwenziwa Komnqophiso

"Kuba ndazi yena, ukuze abawisele umthetho abantwana bakhe, nendlu yakhe emva kwakhe, bagcine indlela kaYehova, benze ubulungisa nokusesikweni, ukuze uYehova amenzele uAbraham into ayithethileyo kuye" (Gen. 18:19).

Njengoko sibonile ukuzakuthi ga apha, umnqophiso usoloko ungumnqophiso wobabalo, lukaThixo esenzela thina oko singasokuze sizenzele ngokwethu. Akukho ushiywe ngaphandle emnqophisweni noAbraham. Ngobabalo lwaKhe, uThixo unyule uAbraham ukuba abe sisixhobo saKhe sokuncedisa ekuvakalisweni kwecebo losindiso emhlabeni. Ekuzalisekiseni kukaThixo izithembiso zaKhe zomnqophiso, kwakuhlangene nentumekelelo ka-Abraham ukwenza ngobulungisa nokumthobela [uThixo] ngokholo. Ngaphandle kokuthobela kwicala lika-Abraham, uThixo wayengenako ukumsebenzisa. UGenesis 18:19 ubonisa ulwalamano phakathi kobabalo nomthetho. Uvula ngobabalo ("Ndiyamazi") aze alandele ngenyaniso yokuba uAbraham ungumntu oya kumthobela uYehova aze alwenze nalo usapho lwakhe ukuba luthobele. Ukholo nemisebenzi, ngoko, zibonakala apho kubunye obusondeleyo, njengoko kufuneka zenzile (Bona uYakobi 2:17.)

Qaphela, phofu, kubekwa kukaGenesis 18:19, ngakumbi igatyana lokugqibela. Ithini apha ngokuthobela kuka-Abraham? Nangona ukuthobela kungeyiyo indlela yokusindiswa, kubaluleka kuni okunikwe kona [ukuthobela] apha? Ngokwale ndima, ungaba umnqophiso wawunokufezekiswa ngaphandle kwako? Yichaze impendulo yakho.

Iintsikelelo zomnqophiso bezingeke zonwatyelwe okanye zigcinwe ngaphandle kokuba imiqathango ethile yenziwe ngabo bazuzayo. Nangona le miqathango yayingadingeki ukumisela umnqophiso, yayiza kuba kukusabela kothando, ukholo, nokuthobela. Yayiza kuba kukubonakalalisa ulwalamano phakathi koluntu noThixo. Ukuthobela kwakuyindlela uThixo awayenokuzalisekisa ngayo izithembiso zomnqophiso ebantwini. Ukwaphula umnqophiso, ngokungathobeli, kukunganyaniseki kulwalamano olwakhiweyo. Xa umnqophiso waphulwe, loo nto yaphulweyo asiyiyo imeko okanye umqathango wokunikwa kodwa iyimeko yokuzalisekiswa.

Kwawakho amava neNkosi, uyakubona na ukuba ukuthobela kubaluleke kakhulu? Ukhona yini umzekelo owucingayo nokuba kuseBhayibhileni, okanye kwawakho amava, apho ukungathobeli kwenza ukuba kungenzeki ukuzalisekiswa kwezithembiso zomnqophiso? Ukuba kunjalo, ziyintoni, kwaye, okubaluleke kakhulu, liyintoni ichiza?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Ukubizwa Kuka-Abraham," amaph. 125–131, kuAmanyange Nabaprofeti; "UmYuda NoweNtlanga," amaph. 188–200, kuIZenzo Zabapostile. Umnyama ungumqondiso womnqophiso kaThixo noNowa. Funda uGenesis 17:10 ukuze ufumane ukuba umnqophiso kaThixo noAbraham wawuyintoni na. Ulwaluko "lwamiselwa: (1) ukwahlula imbewu ka-Abraham kwiiNtlanga (Efese 2:11), (2) ukuqhubela phambili inkumbulo yomnqophiso kaYehova (Gen. 17:11), (3) ukukhuthaza ukukhuliswa kobunyulu bokuziphatha (Dut. 10:16), (4) ukumela ubulungisa ngokholo (Roma 4:11), (5) ukufuzisela ulwaluko lwentliziyo (Roma 2:29), (6) nokunika umfanekiso wenkonzo yobuKristu yobhaptizo (Kol. 2:11, 12)."—The SDA Bible Commentary, vol. 1, amaph. 322, 323. Umnyama uya kuhlala ungumqondiso wesithembiso sikaThixo kude kuphele ihlabathi, kodwa umqondiso wolwaluko awuyi kuba njalo. Ngokukampostile uPawulos, ulwaluko lwamkelwa nguAbraham njengomqondiso wobulungisa awabuzuza ngokholo kuThixo (Roma 4:11). Sekunjalo, ekuhambeni kweenkulungwane, ulwaluko lwaya lwangumfuziselo wokusindiswa ngokuthobela umthetho. Ngamaxesha eTestamente eNtsha, ulwaluko lwalahlekwa kukubaluleka kwalo. Endaweni yako, isiqalelo esifunekayo lukholo kuYesu Kristu, olukhokelela kubomi obuthobelayo, obenziwe ngokutsha. Funda: amaGalati 5:6; amaGalati 6:15; naku-1 Korinte 7:18, 19.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Xoxani ngobudlelane phakathi kokholo nemisebenzi. Ingabakho enye ngaphandle kwenye? Ukuba ayinako, kuba kutheni?

2. Baninzi abasavavanywa njengoAbraham. Abaliva lithetha nabo ngqo liphuma emazulwini ilizwi likaThixo, kodwa uyababiza ngeemfundiso zelizwi laKhe nangeziganeko zokubonelela kwaKhe. Kusenokufuneka bashiye imisebenzi abaqeqeshelwe yona ethembisa ubutyebi nokudunyiswa, bashiye ubuhlobo obumnandi nobunenzuzo bahlukane nabakubo, bangene kwinto ebonakala kuphela iyindlela yokuzincama, yobunzima nombingelelo. UThixo unomsebenzi ekufuneka bewenzile; kodwa ubomi bolonwabo nempembelelo yabahlobo ingakuthibaza ukuphuhla kweempawu kanye ezidingekayo ekuwufezeni (loo msebenzi). Ubabizela kude kwiimpembelelo nosizo lwabantu, abakhokele ukuze bazive bedinga uncedo lwaKhe, nokuxhomekeka kuYe kuphela, ukuze azityhile kubo. Ingaba ngubani olulungeleyo ubizo lokubonelela kukaThixo ukuze ashiye amacebo awathandayo nabahlobo aqhelene nabo"—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti,* amaph. 126, 127. Xoxani ngeminye imizekelo yelo xesha yabo naziyo ukuba baluthobela olu bizo lunye.

Isishwankathelo: UThixo wambizela uAbraham kulwalamano olulodwa naYe, olwaluza kuthi lutyhile icebo losindiso ehlabathini.